


UMama noTsakani baye evenkileni bayokuthenga imifuno yesidlo sangokuhlwa.




UMama ufaka isipinatshi etrolini. “Siza kutya isipinatshi kwisidlo sangokuhlwa.”utsho uMama. *Isipinatshi siwalungele amajoni omzimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



UMama uthatha umbona. “Siza kutya umbona kwisidlo sangokuhlwa.” utsho uMama. *Umbona uwulungele umzimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



“Baleka undithathele itswele.  Siza kufaka itswele kwisidlo sangokuhlwa.” utsho uMama. *Amatswele aphucula amajoni omzimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



UMama ufaka iimbotyi eziluhlaza etrolini. “Siza kutya iimbotyi eziluhlaza kwisidlo sangokuhlwa,” utsho uMama. *Iimbotyi eziluhlaza zikhusela igazi emzimbeni.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



UMama uthatha iitumata. “Siza kufaka iitumata kwisidlo sangokuhlwa,” utsho uMama. *Iitumata zinciphisa ukudumba emzimbeni.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani.



“Baleka undithathele iitapile Tsakani,” utsho uMama. “Siza kutya iitapile kwisidlo sangokuhlwa,” utsho uMama. *Iitapile ziyilungele imizimba.*

“Andiyithandi imifuno,” utsho uTsakani ebudikwa.



Ekhaya uMama uhlamba imifuno, ayichube ayinqunqe. Ufaka imifuno embizeni agalele amanzi.



UMama upheka inyama nemifuno. Ugalela ityuwa nepepile embizeni. Upheka umqa ngembiza enkulu. Isityu sinuka kamnandi.



Ngobo busuku, uTsakani watya izitya ezimbini zesityu esinemifuno ezonwabele!



“Andiyithandi imifuno kodwa ndiyasithanda isishebo,” utsho uTsakani.

UMama wagigithekela yedwa.

Ulwazi Lwethu Readers

## Inqanaba 1

1. Vula, vala, vakala
2. Ukubala amagubu
3. Imbalela
4. Uziva njani uZazi?
5. UNunu noBobi
6. Idonki
7. IShibelani kaKulani
8. UVuxa uthanda ucoceko
9. Isuphu emnandi
10. Usapho lwam
11. Qaphela Cokisa
12. Amawele aluncedo
13. Ibululu esibayeni
14. Ipesika enkulu
15. Konke ngeetapile

## Inqanaba 2

1. Iyakwazi ukubhabha
2. UVela noVutivi
3. Ubuya nini uTata?
4. UKhosi uxakekile
5. USazi ufuna ukupeyinta
6. Iinwele ezinkulu
7. Lina libalele
8. Basefama
9. Umlilo
10. UNtombi ubhaqa isela
11. Mama Afrika, Miriam Makeba
12. UKhabo nesigcawu
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Masonge amanzi
16. Isifo seehagu

## Inqanaba 3

1. Umjikelo wobomi besele
2. Umnqweno kaLunje
3. Amaqanda kaZodwa adukileyo
4. Soweto
5. Izipho
6. Amantombazana olusayo
7. Isidudu esimnandi
8. Uleqa phi Wenzile?
9. Iinyosi
10. UKhazi nombala obomvu
11. UMoli neekhrikethi
12. Umnyama kaNyaniso
13. Mini emnandi Zazi
14. Uthando lwamawele
15. Ingwenya enentiyo
16. Amaxesha onyaka
17. UMbali noBuhle
18. Zinkulu kum
19. Iindlela zothutho
20. UPhumu owonwabileyo

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Isipho esothusayo
6. Idyasi eguquliweyo
7. Ubuchule bukaNcinci
8. Badlala kuyo nayiphi imozulu
9. Imisebenzi yasekhaya
10. Ilokhwe entle
11. Umlimi uNtsika neenkawu
12. Amanzi ndawo yonke
13. Ubugqi bembewu
14. Andiyithandi imifuno
15. Isityalo esiphilisayo
16. Iindlela zabantu baseVenda
17. UQhawe uyalazi ixesha
18. Ugqirha uSooliman olungileyo
19. Isonka sikaNomsa
20. Amakhwenkwe akrelekrele
21. UPhilani wonzakele

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UGcina uzigcina esempilweni
7. UThobile nezihlangu ezintsha
8. Imilambo yaseMzantsi Afrika
9. Imithi yaseMzantsi Afrika
10. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
11. Singcamla incasa yaseVenda
12. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
13. Umkhuhlane
14. UNomadlakadlaka oligorha
15. Ingxaki egadini kaMakhulu
16. UStovi noStali
17. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
18. Iphupha likaSiviwe
19. Isihlangu esihle
20. UThwasa uphuthelwe
21. Ukulima
22. Ubuhlobo bokwenene
23. Umlobi

